

Iinyosi ziqala ubomi zingamaqanda. Aye aqandusele abe ngumbungu, amaphuphu aze ekugqibeleni abe ziinyosi.







Iinyosi zizinambuzane ezikhutheleyo. Zinemibala emthubi bugolide namabhanti amdaka.

Imizimba yeenyosi yahlulwe kathathu. Kukho intloko, isifuba nesisu. Zinamehlo amahlanu. Amabini kuwo makhulu. Imilenze yazo mithandathu.

Le milenze inemisebenzi emininzi equka ukucoca iimpondo, ukubambelela, nokuqokelela incindi.

Zininzi iindidi zeenyosi.  Ezona zaziwa kakhulu ziinyosi zobusi.

Zizo kuphela izinambuzane ezivelisa ukutya okutyiwa ngabantu. Zihlala kwiikoloni yenyosi yoKumkanikazi.





Iinyosi zithanda indawo yokuhlala esondele kwizityalo neentyantyambo. Ezi ndawo zokuhlala ziquka izitiya, amadlelo namahlathi. Apho ubona iintyatyambo ezininzi kulapho ungazibona zihlala khona.

IKumkanikazi yiyo ebeka awona maqanda maninzi.  Ngolu hlobo yandisa ubuninzi beenyosi.

Iinyosi zisebenza nzima zisenza ubusi. Ezinye iinyosi azibenzi ubusi koko ziba ziinyosi ezizicoca ikhekhe. Ikwazizo eziphinda ziqokelele umungu nencindi. Oku zikwenza ukondla ikoloni yeenyosi.





Iinyosi zobusi zinxibelelana ngokudanisa.

Xa zibona iintyantyambo ezintle nezichumileyo, zibiza ezinye iinyosi ngokudanisa. Kulapho zifumana incindi eziphila ngayo.

Iinyosi zincedisa ukulondoloza indalo ngokuncedisana ngomvumvuzelwano lwezityalo.

Njengoko iinyosi zisitya incindi yeentyatyambo, ziqokelela umungu ziwuse kumakhekhe azo.

Zithwala umungu emilenzeni nasemzimbeni yazo ukusuka kwenye intyatyambo ukuya kwenye.

Enye iye iwe endleleni egodukayo. Lo nto ibangela zihlume iintyantyambo kwiindawo ezininzi ezihamba kuzo. Olu ke luhlobo umvumvuzelwano oluthi lwenzeka ngayo.

Zakufika kumakhekhe azo zenza ubusi ngomungu nencindi eziyiqokelele zayigcina kwizisu zobusi.

Ubusi bumnandi, bunencasa.

Maxa wambi buye busetyenziswa endaweni yeswekile.

Buye busetyenziswe ekuphiliseni ezinye izilonda ngokuziqaba ngabo.

Xa sibona iinyosi zibhabha, masikhumbule ukuba zisemsebenzini wokusenzela ubusi. Zikumsebenzi wokuncedisana ukutyala iintyantyambo ezintsha.

